basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## NOVEMBA 2022

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: Iiyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha angama-26.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olusekelwe ukufundwa kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | Inoveli/Uncwadi Lwemveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo.

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/NONCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwiNoveli/Uncwadi Lwemveli nakwiDrama oyifundileyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO ubemNYE NOMFUTSHANE ubemNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Umbuzo osisincoko kwiSihobe kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama ali-190–240.
   - Umbuzo osisincoko kwiNoveli/Kuncwadi Lwemveli nakwiDrama kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama angama-340–390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 1. 'Umkhosi wemidaka' | Umbuzo osisincoko soncwadi | 10 | 6 |
| 2. 'Umlambo' | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 3. 'Unozakuzaku' | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| 4. 'Intliziyo yam' | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |

**KUNYE**

**Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5. 'Inyaniso' | Umbuzo omfutshane | 10 | 11 |

**QAPHELA:** Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

**Phendula umbuzo OMNYE.***

| | | | |
|---|---|---|---|
| 6. *Inkawu idliw' ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 12 |
| 7. *Inkawu idliw' ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 12 |
| 8. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 15 |
| 9. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 15 |
| 10. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 17 |
| 11. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 17 |

**OKANYE**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 12. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 19 |
| 13. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 19 |

**ICANDELO C: IDRAMA**

**Phendula umbuzo OMNYE.***

| | | | |
|---|---|---|---|
| 14. *Buzani Kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 21 |
| 15. *Buzani Kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 21 |
| 16. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 24 |
| 17. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 24 |

***QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI ezizincoko okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

**ITSHEKHLISTI**

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

| **ICANDELO** | **AMANANI EMIBUZO** | **INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO** | **TIKISHA NGASEZANTSI** |
|---|---|---|---|
| A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| **KUNYE** | | | |
| A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| | | | |
| B: INoveli **OKANYE** Uncwadi LweMveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6–13 | 1 | |
| | | | |
| C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 14–17 | 1 | |
| **QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane. | | | |

## ICANDELO A: ISIHOBE

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Ulindeleke ukuba uphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo OMNYE wombongo okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

### IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

### UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

**UMKHOSI WEMIDAKA – SEK Mqhayi**

……………
Phakathi! Phambili!
Phakathi! Phambili!!
Mathol' ezala kulandelwa
Nokhulul' amaFiji,
Nihlangul' amaGala;
Ninced' amaBhisiniya;
Niwajij' amaMjiji,
SingamaBhritani maan,
SingamaBhritan' ephelele!

Ifikil' ingom' amadoda!
Soyivuma ngemihlali,
Siqabel' iintaba zematopo;
Siqabel' iintaba zamaKenya,
NezeSikhalima-njalo,
Siyivuma ngemincili:
Ingom' ebhombo noganda-ganda
Ingom' esinandile nerhuluwa.
Hambani makwedini!
Zenibuye kamsinya!
Kuba nasekhaya kukh' amaGqubusha.
Nibuye nexhoba lomhlaba;

Ningalishiy' eleenkomo;
Nibuye nodumo nozuko;
Nibuye noloyis' oluhle;
SingamaBhritani thina,
Mabandl' angatshonelwa langa.
Ndee ncincilili!
Ndee ntshobololo!!!

Tyhila indlela olusebenza ngayo uphindaphindo ukukhuthaza umkhosi kwesi sicatshulwa sesibongo.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240. **[10]**

**UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda isicatshulwa sombongo esilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**UMLAMBO – JJR Jolobe**

……………
Ngoku ke ndivela
Kuloo nzonzobila.
Sendimhle, ndimhlophe, ndihlambulukile.
Sendiphuma phaya,
Ecaleni kanye
Lezaa ntaba zimahlathi abumnyama.

Sebesela apha
Bonke, baneliswe
Abanxaniweyo bayo le mimandla.
Abahlambi kum na,
Bacoceke gqathu,
Boshum'abangcolileyo bezi ntlambo?

Kanti akusoze
Ubone kuncipha
Nakungcola kwami kukuhlamba oko;
Waye ungasoze
Ubone kudinwa
Kukwenz' ubulungisa, yonk' imihla le.

2.1 Xela isithethi kwesi sicatshulwa sombongo. Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2 Caphula kwistanza soku-1, umqolo onika intsingiselo yokuba umlambo awusafani nakuqala. (2)

2.3 Chaza umsebenzi wombuzobuciko okwisitanza sesi-2. (2)

2.4 Chonga uphindaphindo kwisitanza sesi-3 uze unike ifuthe lalo. (2)

2.5 Ngqina ukuba esi sicatshulwa sombongo sithathwe kumbongonkcazo. (2)
**[10]**

## UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda isicatshulwa sombongo esilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**UNOZAKUZAKU – ZS Qangule**

……………
X' ilanga lehlobo libantu bahle,
Umf' omkhulu wocela k' indlela.
Xa kuthe qab' unoqolomb'efile nje,
Ukudityaniswa kobulaw' asindlwan' iyanetha.

Selethwel' ufel' emagxen' egoduka,
Ehamba' ezimfikila yimbek' ebekuyo.
Selekubon' ukuphumelela kobo buhlobo,
Ekufikeni kwakhe' ekhaya komemelelwa.

Wayi wayi wayi ngabantu bekhaya,
Kunge kumhla kwathiwa kwahluzwa,
Wonke k' umntu amamele ngeendlebe namehlo,
Kude kuphele yonk' int' ebithethwa.

3.1 Xela isithethi kwesi sicatshulwa sombongo. Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2 Caphula kwistanza soku-1, umqolo onika intsingiselo yokuba akukho lula ukucelwa kwentombi. (2)

3.3 Chaza umsebenzi wesifaniso esikumqolo we-10. (2)

3.4 Chonga uphindaphindo kwisitanza sesi-3 uze unike ifuthe lalo. (2)

3.5 Ngqina ukuba esi sicatshulwa sombongo sithathwe kumbongonkcazo. (2)
**[10]**

**UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda umbongo olandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**INTLIZIYO YAM – C Nqakula**

Intliziyo yam indityhilela izinto ezininzi;
Iyandityhola yakuthanda, indisindise kananjalo.
Hayi madoda! Unzima lo mthwalo!
Umkhonto ololwe walubengu, awubinzi
Udale amanxeba afana nawale ntliziyo,
Mhla izanyazanyiswe yadutywa zizilingo,
Eziza ngongcwalazi, ezinzulwini zobusuku nangesifingo-
Okanye ndityholwa ngezinto endingazaziyo.

Intliziyo yam lusindiso lwam;
Intliziyo yam kukutshabalala kwam;
Indikhaphela ezindleleni zobulungisa;
Kanti nakwezingendawo iyandisa.

Mandiyithini ke le ntliziyo,
Xa imkhonza ngolu hlobo umniniyo?

4.1 Xela isithethi kulo mbongo. Xhasa impendulo yakho. (2)

4.2 Caphula kwisitanza soku-1 imiqolo enika intsingiselo yokuba intliziyo inobungozi obudlula nobezixhobo ezinobungozi. (2)

4.3 Chaza ukuba kunamsebenzi mni ukuwakhankanya ngamanye amaxesha kumqolo wesi-7. (2)

4.4 Chonga uphindaphindo kwisitanza sesi-2 uze unike ifuthe lalo. (2)

4.5 Ngqina ukuba lo mbongo uyisonethi. (2)
**[10]**

**KUNYE**

## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)

## UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**INYANISO – PN Mtintsilana**

Ngumathunga kwabanyembezi;
Ngumakhi wesizwe.
Ogcin' izizwe zibambene,
Ogcin' izihlobo zibukana.
Onayo unomkhokha.

Ngumkhumezelo phezu kohlaza.
Ngamathontsi phezu kotyani.
Onayo makayinxibe nenceba;
Onayo makasiph' ubuncwane;
Siphuphum' isizwe luthando.

Inkohlamntu nenkohla
Onayo ukwanomzondo
Kwinkundla zokuzathuza
Iqashiso liwa mva kuye,
Kuba kaloku ngudiz' amahlebo.

Inkohlamntu nenkohla
Onguye Uyamphakamisa;
Kubabandezeli Uyamxhasa;
Avelele njengentab' eZiyoni;
Kub' uyidayiman' eluthulini.

5.1 Xela ibeMIBINI imisebenzi yenyaniso ngokomqolo woku-1 nowesi-2. (2)

5.2 Nika udidi lomfanekiso ngqondweni olukumqolo we-6. Xhasa impendulo yakho. (2)

5.3 Caphula umqolo othetha into enye nentetha ethi, 'Sisimanga!' kwisitanza sesi-3 nesesi-4. (2)

5.4 Chaza ibeMIBINI imivuzo yokuba ngumntu onenyani ngokwesitanza sesi-4. (2)

5.5 Xhasa uluvo lokuba imbongi nabanye abantu abaliboni ngasonye ixabiso lenyaniso. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini noNcwadi Lwemveli.
- Khetha umbuzo kwiNoveli oyifundisiweyo/ukhethe umbuzo kuNcwadi Lwemveli.
- KwiNoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo 6 ukuya kumbuzo 13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa ukhetha umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwinoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwidrama).

### INOVELI

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE).

### UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

Ngqina ukuba indawo yaseGcuwa eliqhubeka kuyo ibali, ikhwezele isimo sokuba sisaphulimthetho kuThantaswa.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabubengamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

Lwalukhona lonke usapho lwakwaYangaphi kuloo mcimbi. Wayekhona naye uNomathamsanqa owagoduka engawuvali umlomo lithamsanqa letshomi yakhe. Kwadlula iiveki ezimbini phambi kokuba uMsindisi athumele abantu bakowabo eDutywa kwaNtlontlo. UThantaswa wayokubikela umama wakhe naye ngezo ndwendwe.

'Kukho iindwendwe eziza kufika apha ekhaya mama,' watsho uThantaswa encumile. Wayegudle umama wakhe egxalabeni, begilana bepheka kunye belungiselela isidlo sangokuhlwa. Weva etshiswa ngumchamo kancinci uNonkanyiso akuthetha ngolu hlobo uThantaswa. Uphume ekhawulezile ukuya kuchopha emva kwendlu ephethwe luvalo lovuyo. Wayeyazi intombi yakhe ukuba ikhe inyamalale ekhaya nokuba ziintsuku ezintathu, ibuye eluhambeni lwayo ixakathe izimuncumuncu zakwamLungu. Ingaba ke ngoku kulunge indlela yayo? Wazibuza loo mbuzo esiya ngasendlwini. Umthe tshawu nje kancinci uThantaswa esancumile, wayemazi ukuba ungumntu onombilini kakade umthetho wakhe.
'Bendisatsho ke mama ukuthi kukho iindwendwe eziza kufika apha ekhaya ngoMgqibelo.'
'Zezaphi ke mntwanam?'
'Zezangaph'eNtabezulu kuCentane, mama.'
'Zezakulo mfana uthi ngusomashishini?'
'Ewe, zezakowabo Kwayi.'
'Umntwana lo wakho yena uthini lo mfana ngaye?' wabuza ebuxakeka uNonkanyiso.
'**Ndamxokisa uMsindisi ndathi uSandisiwe ngumntwana kadade wethu**,' watsho uThantaswa ekhumbula mhla wahlangana noMsindisi engalindele.
Kaloku ngaloo mini wadibana noMsindisi edolophini yaseGcuwa ehamba noSandisiwe. Akayazi naye into eyabangela ukuba axoke.

7.1 Khankanya iimpazamo zibeMBINI zikaThantaswa ezimkhokelele kulwaphulomthetho. (2)

7.2 Xela izenzo zikaNonkanyiso zibeZIBINI ezimtyhila njengomzali olahlekisayo kule noveli. (2)

7.3 Tyhila intsingiselo yesihlonipho esikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokomxholo wesi sicatshulwa. (2)

7.4 Xela abemaTHATHU amashwa aziphathele wona uMsindisi ngokutshata uThantaswa. (3)

7.5 Phawula ngegalelo lethaveni kaMbuzeli kulwaphulomthetho kule noveli. (2)

7.6 Chaza indlela abantwana ekuthethwa ngabo ebalini abayidale ngayo impixano kule noveli. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

Wangenwa yingqumbokazi enkulu uThantaswa owayesel'eshiywe yedwa nanguNozizwe, nothe akubona ukuba iliwa libhek'umoya ngakumqeshi wakhe, wayibopha yancinci eyakhe, wagoduka. Wayenayo nendawana yokumkelwa ziingqondo uThantaswa ngezo ntsuku. Wayemana ukuviwa ehamba ethetha yedwa, ehesha umoya okwegeza eliqala ukuphambana. Umsindo neengcwangu awayenazo zazingenganganto! Wayesuke walixelegwana apha elithile. Umntu ombuza ngale nto ivelayo wayekhwela kuye ngezithuko, etyhola naloo mthetho na kakade ngokwenzelelela ngabula yena.

'**Kungcono ndife** kunokuba ndihlale intlalo yobugeza. Igazi likaMsindisi liyandizotha, ulonwabo kum lusemafini. Kungcono ndiyokuphumla kunokuba ndiyokubhantinta ubomi bam bonke. Ndiyawuqalekisa ngoku umthetho karhulumente kuba ngumthetho kasathana, nokheth' iphela emasini.'

Wayenamaxesha okucinga ngolu hlobo uThantaswa owayekwahlutshwa ziingxaki zokukhulelwa kuba iintsuku kuye zazihambile. Wayebalekwe nangabahlobo bakhe abafana noNompumelelo owayesemtyhola ebantwini ngokuthi haka kwengqondo yayokusela kanti ayizokuphinda ibuyele endaweni yayo.

<u>Ngabusukwana buthile</u> wathi uThantaswa emva kokuba ebhalele umama wakhe ngonomyayi umyalezo othi, '*ayisekho into endiyiphilelayo emhlabeni*,' wayokungena kwigumbi lemoto yakhe. Wayesel' eyiphosele emqadini intambo awayeza kuzixhoma ngayo ukuphazanyiswa kwakhe ngumdunyana wemoto otsholo phantsi.

Uthe akukroba emnyango, tyhini, ikhona nyhani le moto ima phambi kwesango eli lomzi wakhe. Ilitha lezibane zayo zawutsho umzi wakhe wamhlophe wonke.

7.7 Thelekisa uvakalelo lukaThantaswa kwesi sicatshulwa nolwamhla wayecelwa umtshato nguMsindisi. (2)

7.8 Tyhila isigqebelo kumazwi abhalwe ngqindilili. (2)

7.9 Khankanya iziganeko zibeZIBINI zolwaphulomthetho oluqhubeka kule noveli. (2)

7.10 Xela ukuba ubusuku bungumqondiso wantoni kwesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

7.11 Ngqina ukuba ukuzibulala akusosisombululo. Xhasa impendulo yakho ngomlinganiswa onguThantaswa. (2)

7.12 Cacisa ifuthe lomxholwana wobuhlobo obungebubo obukule noveli. (2)

**[25]**

## UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Ngqina ukuba iindawo eliqhubeka kuzo ibali lale noveli zikhwezele ubuqhawe kuThole.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE

***NYANA WAM! NYAMA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA C

Uthe esazula njalo apho phambi komnyango engazazi ukuba wenzani na weva ngomgcini mnyango emkrweca emxelela ukuba kuvuliwe angangena, wothuka wanga ngumntu ovuka ebuthongweni ebephupha, wangena. Ukungena kwakhe kwakumiwe ngenyawo kuvunywa iculo elitshayelela intshumayelo. Bathe bakuhlala phantsi abantu wayiqalisa intshumayelo yakhe umshumayeli yonyana wolahleko, elichaza ibali laloo mfana elisusa mhla washiya ikhaya abazali bekhathazekile esiya kwantliziyo ndise eliphetha ngokubuya kwakhe esamkelwa nguyise elila.

Ukuba umntu kaThixo wayesazi ukuba intshumayelo yakhe imenzakalisa kanjani na omnye wababaphula-phuli ababekho kuloo cawa ngaloo mini, ndifuna ukuthi ngewayengazanga ashumayele ngohlobo awashumayela ngalo ngaloo mini, wayeya kusuka abe nosizi.

Uthe engekalwenzi ufefe umshumayeli wabiza indodana ukuba izokungqina. Kwangoko kwaphakama gagwana lithile lomfana ngengonyana ethi,

Goduka ubhek' ekhaya.

Thengisa ngemfuyo yakho.

Amazwi ke lawo athi amhlaba uThole anga abhekiswa kuye. Waphuma ecaweni ngaloo mini enzakele, efikelele kwisigqibo sokuba athengise ngayo yonke imfuyo yakhe kwelo lamarhanuga agoduke, esazimisele ukuya esikolweni kumnyaka olandelayo. Okunene wenza njalo. Wemka bengasathandi abantu belo lizwe kuba babemthanda ngenxa yamayeza akhe, kanti ke ngaphezulu wayengumntu olincoko, ehlekisa, esitsho siphele isithukuthezi akufika ebantwini, kodwa ke babeza kuthini? Ikhaya likhaya.

9.1 Khankanya iimpazamo zibeMBINI zikaThole ezimfake engxakini kuba engakwazi ukuzithathela izigqibo. (2)

9.2 Xela zibeZIBINI izenzo zikaThemba noSonwabo ezibatyhila njengabahlobo abalahlekisayo kule noveli. (2)

9.3 Tyhila intsingiselo yegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokomxholo wesi sicatshulwa. (2)

9.4 Xela abemaTHATHU amathamsanqa awafumeneyo uThole ngokwale noveli. (3)

9.5 Phawula ngegalelo lecawa kuThole ekuzithatheleni isigqibo sokulandela ikhondo lokuba ngumfundisi. (2)

9.6 Chaza indlela abashumayeli abayidala ngayo impixano yangaphakathi kuThole. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

'Zanenkanyamba, mfo wam, khawuze. Nantsi intang' akho.' Lakhwaza latsho ixhego libiza uMangaliso owaye ekwelinye igumbi kwalapho endlwini, weza ekhawulezile uMangaliso.
'Nantsi intang' akho uVuma lowa saphupha iphupha elinye ngabusuku bunye kweziya ntsuku walahleka,' ladanduluka latsho ixhego ekubeni engene uMangaliso.
'Nguye lo?' Wadanduluka watsho uMangaliso emtsibela emxhawula.
'NdinguKhohlela kaNgubombi mna mfo wam khona phaya kuHolela emaKwayini,' latsho ixhego lizazisa.
'NguTholelegqwirha lo?' Wabuza watsho uVuma esibambile njalo isandla.
'Ndim lo ntang'am. Uyazi ndiyakubona uzinikela enkonzweni andikwazi. Ndijonge nje kwamntu,' watsho uMangaliso esasibambile isandla. Yaba lolunye uvuyo ke olo umntu edibana nentanga yakhe abagqibelana bengabantwana. Kwaba mnandi kuncokolwa, uVuma ebalisa ngokuphupha kwakhe elo phupha lakudala ngobusuku ekwakuza kusa ezinikela enkonzweni, engazi ukuba uzinikela kuTholelegqwirha.
'Hayi mfo wam, lithe kanti eli phupha lethu lithetha lukhulu. Lithetha ukuphila ngokwasemphefumlweni hayi ngokwenyama. Umfo wam ligqirha lemiphefumlo,' latsho ixhego ukuyiqukumbela incoko.
Emva koko wayiqhela iGeorge Goch uVuma. Sekulapho abutha khona xa angekho msebenzini. Kwiindaba zabo ezazisematheni zezokuba kuyimfuneko ukuba kugodukwe kuyovakaliswa iindaba ezilungileyo kumaGcaleka.
Ekubeni uKhohlela edibene nonyana wakhe abazanga babuye bohlukane. Kwakuzo ezo ntsuku zokudibana kwabo wamphosa emotweni uMangaliso esiya kumcela.

9.7 Thelekisa imbono kaTat'uMkwayi ngokugoduka kwesi sicatshulwa neyaphambi kokuba azi ukuba unyana wakhe uyaphila. (2)

9.8 Tyhila isigqebelo esisekubeni uThole abe ligqirha lomphefumlo. (2)

9.9 Khankanya zibeZIBINI iziganeko ezatyhalela uThole ukuba athathe izigqibo zokulandela ikhondo awayelikhethile. (2)

9.10 Xela ukuba iphupha lingumqondiso wantoni kwesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

9.11 Ngqina ukuba ukungabikho kukaThemba noSonwabo kubomi bukaThole kube sisisombululo kwimpumelelo kaThole kule noveli. (2)

9.12 Cacisa ifuthe lomxholwana wobuhlobo obungebubo obukule noveli. (2)
**[25]**

## UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Ngqina ukuba iindawo eliqhubeka kuzo ibali lale noveli zikhwezele ubuqhawe kuMfazwe.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA E

'Sonke sibuzana loo mbuzo, kude kube ngoku, akakho osele ewuphendule. Into esuke yaxaka yeyokuba ngeli xesha abantu bazama ukucima umlilo amapolisa akho, anqanda abantu ukuba bangacimi.
Ukuba bebevunyelwe bacima ngeyikho noko into engeyisindile. Ndithi mna aba bafo basuka bajolisa imipu emlilweni endaweni yokuba bancedise kucinywe.'
Ndacela ukutya akuyigqiba inkcazelo yakhe uGaba. Ngethamsanqa kwakukho isonkana esasikho, ndasiphuqa ndagalela amasi, ndatya. Ngeli xesha ndixhasayo, ixhego lindijongile alithethi. Ndithe apho ndigqibe khona labuza.
'Uza kuthini ke ngoku?'
'Andazi.' Eneneni ndandingazi. Ndaphakama emva kokubulela, ndaqhobosha indawo ejingayo ebhrukweni, ndaya kuphuma ngomnyango. Ingqondo iqale ukusebenza ndakuba phandle. Kutshiswa umzi wasekhaya kuba kusithiwa ndiyimpimpi? Ngubani othetha loo nto? Ebeyive ngabani? Le mibuzo ayizange ibe namphenduli ndahlaba ngendlela, ndenyusa isixeko.
Ngeli xesha, amathunzi ayesethe waxa, phaya phezu kweentaba, ilanga livele ngenkqayi, nomlo wasemini sowudambile, kuvakala kuphela izixholoxholo kwiindawo ezithile zesixeko. Ingqondo yam ithe mandiye kuloNokuzola, mhlawumbi ndingafumana umkhondo kuye. Kuphinde kwathi qatha, ndingazange ndingene ngaphakathi kuloZo nje yinto endiza kuyithini le? Unina owayesekuphela komntu okhoyo kowabo, yayilixhegwazana elalisitsha <u>okwamalahle</u>, lingafuni namnye umrhangqolo osondelayo kumasango alo.

11.1 Khankanya zibeMBINI iimpazamo zikaMfazwe ezikhokelele ekubeni ahlangane naye emdala umntwana wakhe. (2)

11.2 Xela zibeZiBINI izenzo zikaTat' uGaba ezimtyhila njengomzali onenkathalo kule noveli. (2)

11.3 Tyhila intsingiselo yesifaniso esikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokomxholo wesi sicatshulwa. (2)

11.4 Xela abemaTHATHU amathamsanqa afunyenwe nguMfazwe ngokumamela iingcebiso zoMzingeli. (3)

11.5 Phawula ngegalelo lamapolisa ekusindeni kukaMfazwe ekubanjweni ngexesha abhacayo kule noveli. (2)

11.6 Chaza indlela uFriday ayidale ngayo impixano kule noveli. (2)

**KUNYE**

## ISICATSHULWA F

'Siqhwala, Siqhwala! Khawuleza uze kubona!' Ndarhuqa umlenze ukuphuma, ndicaphukela eli gama likaSiqhwala. 'Snywala, Snywala.' Siphiwo wayephi? Naanko esiya kutshona kweliya gquba lingasesangweni. Ndalandela ndimangalisiwe yile mivuyo ingaka. Ndandicinga ukuba ndiyelama.

YayingabeLungu abathathu! Babehamba noNyama. 'Kanti uNyama enyamalele ezi ntsuku zimbini nje uyokusibuthela abeLungu? Lutshaba lwethu olu?' Ndanga ndingawaginya loo mazwi xa ndibona le mpi emva kweentsukwana ezingephi ifikile, isebenza ngamandla ukudlula naba bethu ukuqinisa umkhosi wethu.

Yayingamachule ezigcayiseli, nto leyo eyenza kube lula ukulalela utshaba. Kwekhu madoda! Yandicacela kwakhona into yokuba asinguye wonke umntu omhlophe waseMzafrika olithole likasathana. Abafo aba yayingamachule enene ngezandla nangengqondo. Kwakufundiswana ngomhlophe nomnyama kuseliswana ngandebenye. Zaziyitsho futhi ezi nkewu into yokuba baninzi kubo abangawuthandiyo umthetho wocalucalulo, kodwa boyika intlamba yoowabo. Ayemaninzi amabali ayebaliswa, uninzi lwawo engokuqubisana nomthetho welizwe esasilinikele umva ngelithi mhla zibuyayo kophalala igazi. Neengoma zethu zazisitsho. Bekusithi xa kuhleliwe kubaliselwana, ndibizwe kusithiwa mandibalise indawo ethile kumabali am. Akukho nto ibicubhula impi njengofele lomzingeli.

'Bubugqi obuya bukoluya fele maqabane ndiyanixelela.' Nditsho ndiqonda ukuba akukho namnye oyikholelwayo loo nto. Zazivela kwalapha nezibhoxi.

'Aqale nini ukuba bubugqi amafutha enkuku, qabane?'

11.7 Thelekisa uvakalelo lukaMfazwe kwesi sicatshulwa nolwamhla wayetshiselwa ikhaya. (2)

11.8 Tyhila isigqebelo esikwisenzo sikaMfazwe sokutshikilela uNokuzola ngokungafundi iileta ezivela kuye. (2)

11.9 Khankanya zibeZIBINI iziganeko ezehlele uMfazwe kwaQaka kule noveli. (2)

11.10 Xela ukuba izigcayiseli zingumqondiso wantoni kwesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

11.11 Ngqina ngomlinganiswa onguFriday ukuba ubumpimpi abuyisombululi ingcinezelo esiphantsi kwayo isizwe. (2)

11.12 Cacisa ifuthe lomxholwana wobuqabane obungebubo obukule noveli. (2)
**[25]**

**OKANYE**

## UNCWADI LWEMVELI

## UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Ngqina ukuba indawo eqhubeka kuyo intsomi ethi 'Intsomi Yeenyamakazana', kunye noMzantsi Afrika kwisibongo esithi, 'Enkosi Steve Biko' zikhwezele ubuqhawe kuFudwazana nakuSteve Biko.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA G

**INTSOMI KAKHETSHE NESIKHUKUKAZI**

Kwathi ke kaloku ngantsomi, kudala-dala iintaka zaye zithandana zisendiselana njengabantu. Ngelo xesha ukhetshe ufike watshata nesikhukukazi, bahlalisana kakuhle, bathandana oku kusisimanga bada bafumana nabantwana. Kwalile ngenye imini, ukhetshe wemka esiya kuphandela usapho into etyiwayo eshiya isitshixo sendlu nomfazi. Ekuhambeni kwendoda isikhukukazi sicinge ngokuya kutyelela isihlobo saso ebesihlala mgama. Kule ngcingane yembutho sihambe nabantwana baso ukuze nabo bafumane ithuba lokuya kubona ilizwe. **Sincokole, sancokola, sancokola** nesihlobo eso saso kwahamba ixesha, kwabonakala ukuba lifikile ixesha lokuba usapho lugoduke. Lufike ekhaya umninimzi engekabuyi, abantwana beyimfe ukudinwa, belambile, wada omcinane woyiswa kukunyamezela, wazibika kunina. Isikhukukazi sibe ngasikhangela isitshixo sokuvula indlu ukuze abantwana batye, tu ukuvela isitshixo. Sibhuqe, sabhuqa, sabhuqa sada sancama. Kusenjalo kwenzeka elona sikizi kuba umntwana wasuka waqhawuka, <u>itshoba lalala umbethe</u> ngenxa yendlala. Uthe umntwana esandul' ukufa wagaleleka ukhetshe, akuyibona le ntlekele wavutha ngumsindo engxolisa umfazi wathetha wenjenje.
'Ukususela namhlanje thina sobabini sahlukene. Kunjalonje kuya kuba njalo nakwinzala yethu. Ookhetshe baya kubatya abantwana beenkukhu kude kuvele esi sitshixo silahlekileyo.' Uthe ukuba ukhetshe atsho wabutha konke okwakhe wemka. Okwenene kwenzeka ngokuthetha kwakhe kuba nanamhla oku ookhetshe basawatya amantshontsho eenkukhu. Isikhukukazi sona asikancami kuba sisaphikelele ukuphanda, siqhwaya emhlabeni nje, sisakhangela esaa sitshixo sikakhetshe ukuze sixolelane naye, kubekho ibuyambo ukuze abantwana babo bangabi saxhwilwa. Phela-phela ngantsomi.

13.1 Khankanya iimpazamo zibeMBINI zesikhukukazi ezikhokelele ekubhubheni komntwana. (2)

13.2 Xela izenzo zikakhetshe zibeZIBINI ezimtyhila njengomyeni okhohlakeleyo kule ntsomi. (2)

13.3 Xela zibeziTHATHU izohlwayo ezafunyanwa sisikhukukazi ngenxa yembutho. (3)

13.4 Phawula ngegalelo lophindaphindo lwamagama abhalwe ngqindilili kule ntsomi. (2)

13.5 Ngqina ngomlinganiswa ongukhetshe ukuba ukwenza izinto usemsindweni akusosisombululo sengxaki okuyo. (2)

13.6 Chaza indlela ukufa komntwana yindlala okudale ngayo ubutshaba phakathi kukakhetshe nesikhukukazi kule ntsomi. (2)

13.7 Ngqina ukuba le ntsomi ikudidi lweentsomi ezingemvelaphi yeempawu nezimbo zezilwanyana neentaka. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA H**

**Intaba kaNdoda – Intaba yodumo YamaRharhabe**

……………
Ngemihla yantlandlolo, nditsho mandulo,
Kwez' uRharhabe nehlokondiba labalandeli.
Bafika babek'ubilo kuyo le ntaba,
Bevela kwaPhalo, phesheya komlambo.
Babeqhephuke kuGcaleka baziph'amathafa,
Kuba ezi nkunzi zazingooxholovane zombini.
Nangona zaziphuma kuPhalo yena ncakasana,
Zingathandi kukhonya buhlantini bunye,
Wathi, 'Madoda, kudala sixhinkxa, kwanele.
Eli likhaya lethu ukususela namhla.'

Ayembazel' iindlebe amaXhos' akowabo.
Ephambi kwawo waphinda wathetha kwakhona,
'Masakhe imizi apha, silime nokulima,
Kule mimandla erhangqe le Ntaba kaNdoda.'
……………

13.8 Xela isizathu sokuba uRharhabe nabalandeli bakhe baqephuke kuGcaleka ngokombongo. (2)

13.9 Tyhila intsingiselo yesaci esikumqolo wesi-3 ngokomxholo wesi sicatshulwa. (2)

13.10 Caphula isikweko esikumqolo wesi-6 uxele ukuba sityhila ntoni. (2)

13.11 Chonga umqolo kwisitanza soku-1 othetha ukuba uRharhabe nabalandeli bakhe babediniwe. (2)

13.12 Nika imfundiso efumaneka kubunkokeli bukaRharhabe kwesi sicatshulwa sesibongo. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukusukela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).
Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli/ kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Izenzo zabalinganiswa zinemfundiso kule drama. Ngqina oku ngaba balinganiswa balandelayo uZwilakhe noGugulethu.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA I

| | |
|---|---|
| UZWILAKHE: | Uyolelwe bobu bomi ukubo bobusoka? |
| UGUGULETHU: | Andiyolelwanga. |
| UZWILAKHE: | Into ekunayo? |
| UGUGULETHU: | Kaloku mna **ndijonge kuni**, akukho nto ndinokuyenza de ndive ngani. |
| UZWILAKHE: | Awu! Wenzani na mfondini? Umdala kangaka usajonge kuthi? Ndiba sakufunza ngokwaneleyo nje ngesicakathi, usajonge ukufunzwa sithi nangomfazi? Kucaca ukuba siya kukufunza ude uye kulala engcwabeni mfo wam. Uthi siya kubakho? |
| UGUGULETHU: | Asazi ke. |
| UZWILAKHE: | Usibona singqengqile nje ke mfo wam silele ebusuku gqitha sithetha ngendaba yakho. Noko thina ngokwethu ukubona besicinga into yokuba ukwixabiso lokuba ube unesandla sokhohlo. Umdala ungaka nje mfo wam. Akusayi kuphinde kuthiwe ungumntwana. Ngaphezu koko ke nonyoko lo mdala, kuyafuneka ukuba abe naye umncedisi ngekhaya eli, noNozipho ke ngulo sifuna ukuba aye emfundweni kulo nyaka uza kuvulelwa. Asazi ke olwakho uluvo luphi na. |

UGUGULETHU: Hayi! Bawo xa kubone nina mna andingemi ngaphambili. Bendisoloko **ndijonge kuni** kakade.

UZWILAKHE: Kulungile ke mfo wam, ngoMgqibelo ndifuna amaHlubi ahlangane sibonisane ngomcimbi wakho. *(Kungena umntwana ephethe incwadi)*

UMNTWANA: Nkqo! Nkqo! Nkqo!

UZWILAKHE: Ngaphakathi. Ewe ntombazana undiphatheleni?

UMNTWANA: Uthi usisi mandizise le leta apha kubhuti Gugulethu ivela eposini. Uthe ze ndimcelele uxolo uyilibele izolo ukuvela kwakhe edolophini ngenxa yokubuya sekuhlwile.

15.1 Khankanya zibe ziTHATHU izihlandlo ezikule drama ezisebenzise intetho ethi 'Buzani kuBawo'. (3)

15.2 Xela isenzo (a)sikaGugulethu (b)nesikaZwilakhe esingqina ukuyitolika ngokwahlukileyo intetho ebhalwe ngqindilili. (2)

15.3 Xela indima kaMaGaba ukuchitha ubuhlobo bukaZwilakhe noGugulethu. (2)

15.4 Chonga izixhobo zibeZIBINI kwesi sicatshulwa ezikhokelela kuluvo lokuba eli bali liqhubeka ngexesha lokhanyo. (2)

15.5 Khankanya zibeMBINI iingxaki ezidalwe ziincwadi uNomaMpondomise azibhalele uGugulethu kule drama. (2)

15.6 Nika imfundiso efumaneka kwisenzo sikaGugulethu sokungaphuhli xa aphalaza imbilini yakhe ngomfazi anqwenela ukumtshata. (2)

**KUNYE**

## ISICATSHULWA J

UMTHETHO: Ke uthi uGugulethu makondle abantwana benye indoda?

UZWILAKHE: Ewe kuba ityala likuye, lo mntwana wasemzini akanalo nelincinane ityala, nguGugulethu obalekileyo. Ukuba uGugulethu ebengabalekanga waya kuhlala eMthatha, ngeyingekho yonke le nto.

UNYANISO: Mfo kabawo Mthetho mus' ukuzihlupha, yhini mfondini ngathi akuyazi le ndoda, ayizi kujika kule nto noxa sekuhle izinto ezinje ngenxa yayo. Qhuba mfo kabawo, oxhel'eyakhe akabuzwa. Kuqala besifudula sisithi isala kutyelwa sibona ngolophu, ngoku sixakiwe ukuba siza kuthini kuba nalo ulophu lubonakele. Ngoku ke sofana siqukumbele ngelithi, inkomo enotshobo ayinqandwa. Kodwa ungafane uqine mfo kabawo kule nto uyenzayo, mkhulu umhadi ozimbela wona.

UMTHETHO: Khawutsho ke mfo kabawo, lo mfazi uza kumthumela naba bantwana eMthatha?

UZWILAKHE: Ewe.

UMTHETHO: Sii! Ngamanyal' enyoka odwa, ndifung'uBhungane. Qhuba mfokabawo sova ngawe. Ndisatshaya.

UNYANISO: Hayi mna ndisemkile.

| | |
|---|---|
| UMTHETHO: | Mus' ukuba sandishiya Rhadebe, nam andiyazi endisayihlaleleyo. *(Bayaphuma)* |
| UNYANISO: | Hi mfondini uthi lo mfo uphilile nje? Sisibindi sini esi singaka anaso, ukuthi sekuhle izinto ezingaka kanti akanakho ukuyaleka? |
| UMTHETHO: | Akanayo nento le uphile qete, nto nje wenza le nto kuthiwa kukuqina enyaleni. Kaloku uZwilakhe wanconywa esiva kwathiwa uneenkani. Akwazi ukuba umntu uyonakala kukunconywa esiva? |
| UNYANISO: | Hayi mna noko le nto ndingxamele ukuyikrokrela ngathi ayiyodwa inelumbu phakathi. |

15.7 Xela izinto eziMBINI ezehlileyo ngokwale ntetho kaNyaniso enomgca ngaphantsi. (2)

15.8 Nika isizathu sokuba uMthetho noNyaniso bangayixhasi into yokuthumela uThobeka nabantwana eMthatha. (2)

15.9 Nika iimpawu zempixano yangaphandle eziphawuleka kule ncoko yamaHlubi. (2)

15.10 Chaza indlela ohluke ngayo uZwilakhe osekuqaleni nosekupheleni kwale drama. (2)

15.11 Chaza ukuba le ngxoxo imtyhila njengomlinganiswa onesimo esinjani uZwilakhe. Xhasa impendulo yakho. (2)

15.12 Ingaba le drama iphumelele ukulumkisa abantu abaseneenjongo zokungazimeli ngokupheleleyo izimvo zabo? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[25]**

## UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

Izenzo zabalinganiswa zinemfundiso kule drama. Ngqina oku ngaba balinganiswa balandelayo uMaGatyeni noSiqhiwu.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA K

| | |
|---|---|
| SIPHOKAZI: | Uyaphazama ke ngoku Sirhezu wam. Uyaphazama Radebe. |
| SIRHEZU: | Ndilungise kaloku xa ndiphazama. Ndicinga ukuba ngumsebenzi wakho ukulungisa iimpazamo zam. |
| SIPHOKAZI: | Uyazi Sirhezu ukuba isikhalo sam sinye kuwe, sesokuba ndim inkulu aph' ekhaya. |
| SIRHEZU: | Ndiyayazi ke leyo. Akukho mfuneko yokuba ude uyiphinda-phinde. |
| SIPHOKAZI: | Uthi umama ke angandithatha kanjani xa ndinokuthi ndingekaphangeli nonyaka lo, ndibe sendimxelela ukuba ndiyenda? |
| SIRHEZU: | Kudala ke ndiwuphendula lo mbuzo wakho, ikhaya lentombi lisekwendeni. |
| SIPHOKAZI: | Ndiyayazi ke leyo. Akuqali kundixelela namhlanje. |
| SIRHEZU: | Ngaphezulu ke, okokuqala, ndiza kulobola moss. Loo nto ke ithethe ukuthi umama wakho uza kuba nento yokuzigcina ngeli thuba wena ungekafumani msebenzi. |
| SIPHOKAZI: | Kumnandi kona ukuthetha. Kodwa ke, njengoko laphawulayo ixhego lempuku, ukuthetha asikokwenza. |
| SIRHEZU: | Xa sele uwufumene umsebenzi, ndiya kukuvumela uphangelele umama wakho de abhubhe. |
| SIPHOKAZI: | Ukuba kunokwenzeka ibe nguye obhubha kuqala kunam. Ungayilibali naloo ndawo. |
| SIRHEZU: | Ewe, ndiyavuma, ukuba kunokwenzeka kubhubhe yena kuqala kunawe. |
| SIPHOKAZI: | Sirhezu, sithandwa, mayiqondakale kuwe into yokuba andizimisele nakancinci ukuwuduba umphefumlo wakho. |
| SIRHEZU: | Ndincede ke sithandwa ungawudubi. |
| SIPHOKAZI: | Kodwa nawe khawuzithathe uzibeke kule ndawo ndikuyo. Ndiyinkulu ekhaya. Okanye ke ndiya kuthi ndiyinkulukazi. |
| SIRHEZU: | Alunge omabini loo magama. |
| SIPHOKAZI: | Ndim kuphela osele egqibile ukufunda ekhaya, ukuba kuyagqitywa phofu. |
| SIRHEZU: | Ndiyayiqonda into oyithethayo Siphokazi. |

17.1 Khankanya zibe ziTHATHU izihlandlo ezikule drama ezidulise umxholo othi indlal' inamanyala. (3)

17.2 Xela isenzo (a)sikaMagrazula (b) nesikaSiqhiwu esingqina ukutolika ngokwahlukileyo ukusombululo indlala. (2)

17.3 Xela indima kaSiqhiwu ukugcina ubuhlobo bukaSiphokazi noSirhezu. (2)

17.4 Khankanya izinto zibeMBINI ezikhokelela kuluvo lokuba eli bali liqhubeka ngexesha lokhanyo. (2)

17.5 Khankanya zibeMBINI iingxaki azisombululeyo uSiqhiwu ngesenzo sakhe sobuqhawe. (2)

17.6 Nika imfundiso efumaneka kwisenzo sikaMaqhikizane sokuxhaphaza abantu abadinga umsebenzi. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA L**

| | |
|---|---|
| MAGATYENI: | Kanti ke, qaphela Qhinebe, ingantle kakhulu le nto yethu xa sinokuyigqumа ngezi bhatyi zomanyano. |
| MAMQHINEBE: | Kodwa ingathi uhlab'ukhangele Gatyeni. |
| MAGATYENI: | Siza kuzingela kweliphi icala ke namhlanje? |
| MAQHINEBE: | Ulibele na ngoku? Ukho kaloku laa mfazi wakwa*Link*. |
| MAGATYENI: | Unyanisile, besendifuna ukumlibala. Ibe luhle usana lwakhe. |
| MAMQHINEBE: | Kukho into endixhalabisayo kodwa kulo msebenzi wethu Gatyeni. Abantwana aba bethu baza kuthi simana sisiyaphi, siyifumana phi khona le mali ingaka? |
| MAGATYENI: | Mna sendinaso isisombululo kuleyo ingxaki. |
| MAMQHINEBE: | Uthini na apha kum ngoku Gatyeni? |
| MAGATYENI: | Siza kubaxelela ukuba sihamba eMzamba, apho siyiwina khona yonke le mali. |
| MAMQHINEBE: | Hayi ke kucacile ukuba lo msebenzi wethu usikelelekile xa icebo lisuka nje lifumaneke lula ngolu hlobo. Hayi Gatyeni ndikothulela umnqwazi. |
| MAGATYENI: | Masitsho sisiya ke mfazi, kukude kwaLink, ibe ilanga eli lona alilindanga thina. |
| MAMQHINEBE: | *(Behamba endleleni)* Kukho nale nto yala maphepha angathi aza kusimisa kakubi ndijongile nje. |
| MAGATYENI: | Ewe unyanisile Qhinebe. Kaloku ngoku siza kufika abadlezane sele belaqaza, belindele amanesi omgunyathi axelwe ngala maphepha. |
| MAMQHINEBE: | Baya kukhe bancame ke, kuba kaloku nathi asizozibhanxa. Asizi kuphinda sizenze amanesi ngoku. |
| MAGATYENI: | Ibe siza kubachula *maan.* Lo siya kuye umntwana, siza kumthatha empelesini. Unina yena uphangele kaloku. |

17.7 Xela izinto eziMBINI ezehle ngenxa yefuthe lentetho kaMaGatyeni enomgca ngaphantsi. (2)

17.8 Nika isizathu sokuba uMagrazula akhethe ukuqesha abantu abangoomama kumsebenzi wokubiwa kweentsana. (2)

17.9 Nika iimpawu zempixano yangaphakathi ekuMamQhinebe eziphawuleka kule ncoko ikwisicatshulwa. (2)

17.10 Chaza indlela ohluke ngayo uMamQhinebe wangala mini wayenombono ehleli kwipomakazi lendlu e*Northcrest* nosekupheleni kwale drama. (2)

17.11 Chaza ukuba le ngxoxo imtyhila njengomlinganiswa onesimo esinjani uMamQhinebe. Xhasa impendulo yakho. (2)

17.12 Ingaba le drama iphumelele ukulumkisa abantu abaseneenjongo zokulahlekisa abantu abahluphekayo? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**